URhulumente weNtshona Koloni

NGOWAKHO

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## UMPOPOSHO WASENTSHONA KOLONI WOKUMENYWA KWEZICELO ZENKXASOMALI YAMAPHULO ONYAKA KA2023/24

Sebe loPhuhliso loLuntu neMidlalo (iDCAS) imema imibutho namaqumrhu abhalisiweyo yobugcisa nenkcubeko, amaqela obugcisa, abantu abachaphazelekayo kwiintshukumo zokuziveza ngokobugcisa kwakunye neenkampani zemisitho yobugcisa nenkcubeko ukuba zingenise izicelo zazo ngokobuchwepheshe zezicelo zenkxasomali kumaphulo onyakamali u2023/24. Bonke abafakizicelo kufuneka babe ziinzalelwane zoMzantsi Afrika abazinze kwiNtshona Koloni.

Kudingeka ukuba iziphumo zidizwe ngokucacileyo njengoko oku kuya kuba negalelo elikhulu ekubeni iphulo elo liyaxhaswa okanye hayi na.

**KUMENYWA IZICELO ZENKXASOMALI KUMAPHULO/KWIINKQUBO EZIKULA MABAKALA ALANDELAYO ENKXASOMALI:**

| IBAKALA LENKXASOMALI | INKQUBO/IPHULO | ISIPHUMO SENKXASOMALI |
|---|---|---|
| 1. Ukusabela ngokweSini | IiNkqubo zoBugcisa neNkcubeko/ iintshukumo ezimiselwe ukuxhobisa amanina kwanokuqwalaselwa kweenkalo zeGBV | • Kukusabela ngokwesini sisimo sokunakanwa kwanokusabela kwimeko yokungalinganwa ngokwesini ekumiselweni kweentshukumo neenkqubo.<br>• Iinkqubo eziqwalasela umba wemiqobo esekelwe kwisini ihlonipha iyantlukwano ngokwesini, evulela izimo kunye neenkqubo zeengcamango eziza kuwuthabathela ingqalelo umba wesini.<br>• Kuqinisekiswa umakulinganwe ngokwesini njengesicwangcisoqhinga esiphangaleleyo sokuhambelisa phambili umakulinganwe kwezesini yaye isebenzela ukuvingca imisantsa ze isuse ukubukulwa ngokwesini. |
| 2. ezoKhenketho ngokweNkcubeko | Iminyhadala kunye neminyhadala yemiboniso ebhanyabhanya eziquka iminyhadala yoNcwadi, imiboniso yeqonga ehambahambayo kunye nemiboniso. | • Ukudalwa kwemisebenzi ngokwezobugcisa<br>• Amathuba akweli nadalelwa amaqela asabekelwe bucala ingakumbi amanina. |
| 3. iiNcwadi namaPhephandaba | Ukubhalwa kwemibongo, iinkxasomali kubabhali, ubugcisa bokubhala (iincwadi ezingobomi bababhali abo, uncwadi lwabantwana, iintsomi, amabalana amafutshane, iMisitho yeeNcwadi, iimagazini zoNcwadi, iinkxasomali zokuPapasha ezenzelwe imizi yopapasho | • Kukuphuhlisa nokukhuthaza ababhali abatsha<br>• Kukuphakamisa isakhono sobugcisa<br>• Ulolongo nokurekhoda |
| 4. ezineSandi neziBukelwayo | Imiboniso ebhanyabhanya kunye nevidiyo, umabonakude nonomathotholo, ukushicilelwa kwezandi, iikhathuni | • Iimbono ezintsha<br>• Iimveliso ezithe zaveliswa – ukuhanjiswa kwemiyalezo emihle ngemiba yoluntu<br>• Ixabiso lemfundo noqeqesho |
| 5. ezoYilo neeNkonzo zezoBugcisa | EzingemiZobo – ukwenziwa kwemizobo ehambahambayo kunye noyilo lwamaqonga ngamaqonga<br>uYilo lwezeFashoni | • Imisebenzi emitsha ephuma kwiNtshona Koloni<br>• Iimbono ezintsha<br>• Ukudluliselwa kwezakhono |
| 6. imiSebenzi eMitsha | Nayiphi na inkalo okanye imo -eVakalisa ubugcisa beNkcubeko noboMthonyama. | • Ukwanda kokwazisa nolwazi<br>• Ukubandakanyeka<br>• Ukwaziswa ngezenkcubeko, ukuphakanyiswa kwezinga nololongo<br>• Kubonakalisa umbulelo kwakunye nokuhlonitshwa kweemvakalelo zenkcubeko |
| 7. ezeeNkalo ezaHlukeneyo | Intshukumo yobugcisa equka iinkalo ezimbini nangaphezulu zeentlobo zobugcisa. | • Iimbono ezintsha<br>• Ukuncedisa ekuveliseni kweembono kwakunye nokudluliselwa kwezakhono |
| 8. ezingoKwenza nokuBhiyoza | Imisebenzi yokuyilwa kweentshukumo, uqeqesho lwezobuchwepheshe, ukubhalwa kwezikhripthi, isekhasi, umxhentso, umngqungqo, ubuqhula, imilingo, ukumayima, ezeepapethi, isihobe, imidlalo yeqonga, ukubaliswa kwamabali, imidlalo yeqonga eculayo, ukufundiswa koMculo/ imiyilo/iingqungquthela/uhlengahlengiso, njalo-njalo. | • Kukuvezwa kwanokuchongwa kwetalente<br>• Uqeqesho kwizakhono noqeqesho kwezobugcisa<br>• Ukudalwa kwengqesho<br>• Ukwandiswa kwenxaxheba ethatyathwa ngamaqela amiselweyo |

**INKQUBO YEZICELO**

Kuxhomekeke kumbutho lowo ke ukuba ufake isicelo kwangethuba kwanokuthi uziqhelanise namaxesha okufakwa kwezicelo zenkxasomali kwakunye nenkqubo yokufakwa kwezicelo efikelelekayo kwiwebhusayithi yesebe.

**Zonke izicelo kunye neempepha ezixhasayo kufuneka zingeniswe kwiqonga lezobuchwepheshe.** Iifomu zesicelo ziyafumaneka kwiqonga lezobuchwepheshe apha https://www.westerncape.gov.za/cas yaye ke imibuzo ephathelele kule nkqubo yona ingadluliselwa kula magosa alandelayo:
uFareedah Hunter : i-imeyile Fareedah.Hunter@westerncape.gov.za
no-Audrey Williams : i-imeyile Audrey.Williams@westerncape.gov.za

**Izicelo ziya kuvala ngoLwesithathu ongumhla we15 kweyoKwindla ka2023 ngeye16:00. Le nkqubo ikwiqonga lezobuchwepheshe ayiyi kuzivulela izicelo ezingena emva kwexesha elimiselweyo.**

***Nceda uqonde:***

- ***Inkxasomali ayanelanga. Ukungeniswa kwangethuba kwesicelo esigcwalisiweyo akuqinisekisi ukufumaneka kwenkxasomali.***
- ***Akukho zicelo zithunyelwe ngefeksi, ezisiswe ngesandla, okanye ezithunyelwe nge-imeyile ziya kwamkelwa.***
- ***Sisicelo esinye esenziwe kwiqonga lezobuchwepheshe esiya kuthi samkelwe kumbutho/kumntu/kwinkampani nganye kwibakala ngalinye***